# MLAWULI JIKELELE

## UNOBHALA OYINTLOKO WEZONXIBELELWANO

### Icandelo Lolawulo — ICANDELO 7 — Icandelo 7 Unobhala

IOFISI YO SOURCE | IOFISI YEMICIMBI YANGAPHANDLE | IOFISI YOMLAWULI JIKELELE

Eli candelo lilungelelanisa lize libeke esweni imisebenzi yombutho ukuze uqhubeke kakuhle, livelise iimveliso zawo ngokufanelekileyo nangokugqithisileyo kwaye linike iimveliso kunye neenkonzo zawo ezikumgangatho ophezulu ebantwini nakuluntu.

**Iofisi yo Source**
- Ibona ukuba ubuxhaka-xhaka bale mihla nomgaqo-nkqubo wombutho ulandelwa ngokuchanekileyo. Kwimeko yenkampani, le ofisi inokubandakanya iofisi yomntu oqale umbutho okanye lowo uphuhlise iimveliso eveliswa yinkampani. Igcina izakhiwo zombutho zilungiswe kakuhle ifumana nendawo eyongezelelweyo yokwandiswa.

**Iofisi Yemicimbi Yangaphandle**
- Igcina ubudlelwane obufanelekileyo noorhulumente kunye namanye amaqela eluntwini ize ihoye imicimbi yezomthetho.

**Iofisi Yomlawuli Jikelele**
- Yenza izicwangciso zombutho. Ilungelelanisa ize yenze nemisebenzi yombutho yenziwe. Igcina umbutho uhleliwe (ukwazi ukuhlawula amatyala awo), uchumile, uvelisa kwaye usanda kuwo onke amacandelo kunye namasebe awo.

### Icandelo Lezonxibelelwano — ICANDELO 1 — Unobhala Wezonxibelelwano

ISEBE LEENDLELA KUNYE NABASEBENZI | ISEBE LEZONXIBELELWANO | ISEBE LOKUHLOLA KUNYE NEENGXELO

Eli candelo linoxanduva olupheleleyo lokusekwa kombutho.

**ISebe Leendlela kunye Nabasebenzi**
- Liqesha abasebenzi abafanelekileyo lize libabeke ngokufanelekileyo ukuze kuxhamle umntu kunye nombutho. Linika abasebenzi abatsha nabakhoyo izikhundla zabo lize libafundise ukwenza imisebenzi yabo.

**ISebe Lezonxibelelwano**
- Limisela iinkqubo zonxibelelwano ezisemgangathweni ukuze lonke unxibelelwano luhanjiswe ngokukhawuleza kwaye luphathwe ngokufanelekileyo. Liqinisekisa ukuba imbalelwano eya nevela kuluntu lombutho iyafika kwaye ihoywe ngokukhawuleza.

**ISebe Lokuhlola kunye Neengxelo**
- Liqokelela kwaye lenze igrafu ezichanekileyo zeenkcukacha-manani zombutho ezizakusetyenziswa sisigqeba. Ligcina inqanaba eliphezulu lokuziphatha okuhle kwabasebenzi. Ihlola imisebenzi yombutho ukuze nabuphi na ubunzima bokumisa ukwanda bufunyanwe kwaye buxelwe kubaphathi.

### Icandelo Losasazo — ICANDELO 2 — Unobhala Wosasazo

ISEBE LOKUKHUTHAZA NOKUTHENGISA | ISEBE LEZOKUPAPASHA | ISEBE LOBHALISO

Eli candelo lenza iimveliso kunye neenkonzo zombutho zaziwe ngokubanzi kwaye zifunwe, kudaleke inani eliphakamileyo loluntu lokuzifumana.

**ISebe Lokukhuthaza Nokuthengisa**
- Lithumela ngeposi lize libhale iimagazini kunye nezinye izinto ezikhuthazayo ezisekwe kwiziphumo zovavanyo, ukwazisa uluntu ngeenkonzo kunye neemveliso zombutho nangezinto ezipapashiweyo ezithengisayo ukuze zifumaneke ngamanani awongezelekileyo.

**ISebe Lezokupapasha**
- Lingcina zonke izinto ezipapashiweyo ukuze zifumaneke kubathengi kwaye lizise ngokukhawuleza kubantu abazithengayo.

**ISebe Lobhaliso**
- Linxulumelana nabantu ababonise umdla kwiimveliso zombutho ukuze bazifumane. Ligcina iifayile ezichanekileyo zabantu ababefumene inkonzo ngaphambili okanye abafumena iimveliso embuthweni kwaye ligcina imbalelwano kunye nabo ukuze bafumane iimveliso kunye neenkonzo ezingaphezulu.

## UNOBHALA OYINTLOKO WOMBUTHO

### Icandelo Likanondyebo — ICANDELO 3 — Unobhala Kanondyebo

ISEBE LENGENISO | ISEBE LEZENKCITHO | ISEBE LEEREKHODI, IIASETI KUNYE NEZINTO

Eli candelo lijongana nemicimbi yezemali yombutho ukuze izixhobo kunye nezinye ii-asethi zikhathalelwe ukuze umbutho ukwazi ukuvelisa iimveliso zawo kwaye uhambise iinkonzo zawo uze uhlale uhleliwe (ukwazi ukuhlawula amatyala awo).

**ISebe Lengeniso**
- Liphatha iimali ezingenayo ezifunyenwe ngokutshintshiselana ngeemveliso zombutho ukuze zibhalwe phantsi ngokufanelekileyo. Ligcina ngokufanelekileyo amaqwegwe amatyala abathengi lize iqokelele yonke imali etyalwa umbutho.

**ISebe Lezenkcitho**
- Lithenga kwaye lihlawule onke amatyala, lihlawule bonke abasebenzi, ukuze uxanduva lawo lezemali lizalisekiswe, namanye amacandelo abenazo izinto azifunayo ukuze avelise iimveliso zawo.

**ISebe Leerekhodi, Iiaseti kunye Nezinto**
- Liphatha izixhobo zombutho, ligcina iinkcukacha ezibhalwe phantsi ezichanekileyo zezemali, lenza ukugcinwa kweencwadi kunye neengxelo zemali eziyimfuneko kwaye lilondoloze iiasethi kunye noovimba.

### Icandelo Lokuvelisa — ICANDELO 4 — Unobhala Wokuvelisa

ISEBE LEENKONZO ZEMVELISO | ISEBE LEMISEBENZI | ISEBE LEMVELISO

Eli candelo libonelela ngeemveliso kunye neenkonzo ezisemgangathweni ngaphandle kokulibazisa uluntu.

**ISebe Leenkonzo Zemveliso**
- Likhonza icandelo ngokuxela kwangaphambili malunga nento ekufuneka iveliswe, ukuze imveliso yenziwe lize icwangcisele imveliso okona kusebenza kufanelekileyo nenkonzo eluntwini.

**ISebe Lemisebenzi**
- Lilungiselela izibonelelo ezifunekayo ukuvelisa iimveliso kunye neenkonzo zombutho lize lizihambise.

**ISebe Lemveliso**
- Livelisa iimveliso zombutho kwaye lihambisa iinkonzo zawo ngokukhawuleza, ngobuninzi bazo nezikumgangatho ofanelekileyo ukuze abantu boneliseke ziziphumo.

### Icandelo Leziqinisekiso — ICANDELO 5 — Unobhala Weziqinisekiso

ISEBE LOKUVAVANYA | ISEBE LOPHONONONGO | ISEBE LOKUQINISEKISA NEEMBASA

Eli candelo libona ukuba yonke imveliso eshiya umbutho ikumgangatho okwinqanaba elilindelekileyo.

**ISebe Lemvavanyo**
- Livavanya iimveliso zombutho, lizidlulisela kuphononongo zilungiswe okanye Ziqinisekiswe ukuze yonke imveliso iqinisekiswe, okanye ilungiswe ukuze iqinisekiswe.

**ISebe Lophononongo**
- Liphononga iimveliso zombutho ukufumanisa oonobangela balo naliphi na inqanaba lomgangatho elisezantsi kunelamkelekileyo. Likwavavanya izenzo zabasebenzi lize lizilungise apho kufuneka khona ukuze ubuxhaka-xhaka balemihla kunye nomgaqo-nkqubo busetyenziswe iziphumo eziphezulu. Likhathalela abasebenzi ukuze baqeqeshelwe imisebenzi yabo ngokupheleleyo, bafunde imigaqo-nkqubo yombutho kunye nobuxhaka-xhaka balemihla baze babe nobuchule, babe ngamalungu eqela anegalelo.

**ISebe Lokuqinisekisa Neembasa**
- Likhupha kwaye ligcine iinkcukacha zeziqinisekiso ezisemthethweni zeemveliso ezifunyenweyo nezisetyenzelweyo. Lijonga nazo naziphi na iimpazamo zemveliso kwaye liqinisekisa ukuba zilungisiwe.

### Icandelo Loluntu — ICANDELO 6 — Unobhala Woluntu

ISEBE LENKCUKACHA ZOLUNTU | ISEBE YO CLEARING | ISEBE LEMPUMELELO

Eli candelo, kuyo yonke imisebenzi yalo, lizisa ulwazi lize lisasaze iinkonzo kunye neemveliso zombutho kuluntu ngokubanzi.

**ISebe Lenkcukacha Zoluntu**
- Libona ukuba inkangeleko yombutho kunye nabasebenzi bawo ilungile. Lenza umbutho kunye neenkonzo neemveliso zawo zaziwe ekuhlaleni. Lisebenza namaqela oluntu neminye imibutho ukuphucula uluntu.

**ISebe yo Clearing**
- Liseka ze lenze iindawo zokuhambisa iimveliso ngaphandle kombutho ezibonelela ngeenkonzo kunye neemveliso kuluntu olutsha.

**ISebe Lempumelelo**
- Libhala phantsi ze lazise ngokubanzi eluntwini impumelelo yemisebenzi kunye neemveliso zombutho.